URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

**IIKHRAYITHERIYA ZAMABHASO ESATIFIKETHI SEMATRIKI SIKAZWELONKE ANGO-2016**

**AMABHASO EZIKOLO**

Zonke izikolo ziya kufumana isatifikethi.

**UDIDI 1 – UKUGQWESA EKUPASENI IZIFUNDO**

Kolu didi, amabhaso anikwa zonke izikolo ezigqwesileyo kwiphondo (kubandakanywa nezikolo ezizimeleyo) eziphumelele ngokugqwesileyo ekupaseni izifundo ngo-2016, ngokusekelwe kwezi khrayitheriya zilandelayo:

**Udidi 1a – izikolo ezinamanani obhaliso e-*NSC* abaviwa abayi-30 okanye abangaphezulu**

(a) Ukugcina inani labaviwa beBakala 12 lingatshintshi kwithuba leminyaka emithathu, ukususela ngo-2014 ukuya ku-2016 - inani elibhale ngo-2016 malingabikho ngaphantsi ko-90% womndilili wamanani ababhalayo ngo-2014, 2015 nango-2016.
(b) Ireyithi yokupasa kwizifundo zonke ubuncinane ngu-95% ngo-2016.
(c) Ipesenti yabaviwa abanako ukwenza izifundo zesidanga sokuQala *(Bachelor's degree)* engu-80% nangaphezulu.
(d) Ipesenti yabaviwa abapase iMathematika engu-60% nangaphezulu.

Amanqanaba okuhlela izikolo aya kumiselwa ngokubalwa kwesalathi esingumlinganiselo (*weighted ranking index*) wamanqanaba okuhlela ngolu hlobo lulandelayo:

- Ingongoma (b) apha ngentla: umlinganiselo ongu-10%
- Ingongoma (c) apha ngentla: umlinganiselo ongu-60%
- Ingongoma (d) apha ngentla: umlinganiselo ongu-30%

**Udidi 1b – izikolo ezinamanani obhaliso eNSC ambalwa kunabaviwa abayi-30 (izikolo ezithathu ezona zininzi)**

(a) Ukugcina inani labaviwa beBakala 12 lingatshintshi kwithuba leminyaka emithathu ukususela ngo-2014 ukuya ku-2016 - inani elibhale ngo-2016 malingabikho ngaphantsi ko-90% womndilili wamanani ababhalayo ngo-2014, 2015 no-2016.
(b) Ireyithi yokupasa kwizifundo zonke ubuncinane ngu-95% ngo-2016.
(c) Ipesenti yabaviwa abanako ukwenza izifundo zesidanga sokuQala *(Bachelor's* degree) engu-80% nangaphezulu.
(d) Ipesenti yabaviwa abapase iMathematika engu-60% nangaphezulu.

Amanqanaba okuhlela izikolo aya kumiselwa ngokubalwa kwesalathi esingumlinganiselo (*weighted ranking index*) wamanqanaba okuhlela abalwa ngolu hlobo lulandelayo:

- Ingongoma (b) apha ngentla: umlinganiselo ongu-10%
- Ingongoma (c) apha ngentla: umlinganiselo ongu-60%
- Ingongoma (d) apha ngentla: umlinganiselo ongu-30%

**Udidi 1c – izikolo eziphakamileyo zobugcisa (*technical high schools*) (isikolo esinye okanye ezingaphezulu)**

(a) Ukugcina inani labaviwa beBakala 12 lingatshintshi kwithuba leminyaka emithathu.
(b) Ireyithi yokupasa kwizifundo zonke ubuncinane ngu-80% ngo-2016.
(c) Ipesenti yabaviwa abapase iMathematika engu-40% nangaphezulu.
(d) Ireyithi yokupasa ngamanqaku adityanisiweyo (*aggregate*) kwizifundo zobugcisa *(Engineering Graphics and Design, Civil Technology, Electrical Technology* ne-*Mechanical Technology*)

Amanqanaba okuhlela izikolo aya kumiselwa ngokubalwa kwesalathi esingumlinganiselo (*weighted ranking index*) wamanqanaba okuhlela abalwa ngolu hlobo lulandelayo:

- Ingongoma (b) apha ngentla: umlinganiselo ongu-10%
- Ingongoma (c) apha ngentla: umlinganiselo ongu-30%
- Ingongoma (d) apha ngentla: umlinganiselo ongu-60%

**UDIDI 2 – EZONA ZIKOLO ZIWUPHUCULE KAKHULU UMGANGATHO**

**Udidi 2a: Ezona zikolo zikarhulumente ziwuphucule kakhulu umgangatho**

Amabhaso aya kunikwa izikolo ezilishumi (10) ezinabaviwa abayi-30 okanye abangaphezulu ezibonise ukuphucuka kakhulu kwereyithi yokupasa kwithuba elisusela ngoku-2014 ukuya ku-2016. Iikhrayitheriya zikwabandakanya ukuligcina lingatshintshanga inani labaviwa beBakala 12 kwithuba leminyaka emithathu ukususela ngo-2014 ukuya ku-2016.

**Udidi 2b: Izikolo eziphakamileyo zobugcisa ezizezona ziwuphucule kakhulu umgangatho**

Amabhaso aya kunikwa izikolo zobugcisa ezilishumi (10) ezinabaviwa abayi-30 okanye abangaphezulu ezibonise ukuphucuka kakhulu kwereyithi yokupasa kwithuba elisusela ngo-2014 ukuya ku-2016. Iikhrayitheriya zikwabandakanya ukuligcina lingatshintshanga inani labaviwa beBakala 12 kwithuba leminyaka emithathu ukususela ngo-2014 ukuya ku-2016.

**Udidi 2c: Ukwanda okukhulu kwipesenti yabapasele ukwenza izifundo zesidanga sokuQala**

Amabhaso aya kunikwa izikolo ezilishumi (10) ezinabafundi abayi-30 okanye abangaphezulu ezibonise ukwanda okukhulu kwipesenti yabaviwa abapasele ukwenza izifundo zesidanga sokuQala kwithuba elisusela ngo-2014 ukuya ku-2016. Iikhrayitheriya zikwabandakanya ukuligcina lingatshintshanga inani labaviwa beBakala 12 kwithuba leminyaka emithathu ukususela ngo-2014 ukuya ku-2016.

**UDIDI 3 – UKUPHUCULA UMGANGATHO NOKUGQWESA KWISIFUNDO NGASINYE**

**Udidi 3a: IMathematika**

**Ukuphucula umgangatho kwiMathematika**

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esibonise okona kuphucuka kukhulu komgangatho wokupasa iMathematika ukususela ngo-2015 ukuya ku-2016, ngokuthi sandise inani labafundi abapase iMathematika.

**Ukugqwesa kwiMathematika**

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esivelise elona nani liphakamileyo labafundi abapase iMathematika ngo-2016.

**Udidi 3b: I-*Physical Sciences***

**Ukuphucula umgangatho kwi-*Physical Sciences***

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esibonise okona kuphucuka kukhulu komgangatho wokupasa i-*Physical Sciences* ukususela ngo-2015 ukuya ku-2016, ngokuthi sandise inani labafundi abapase i-*Physical Sciences.*

**Ukugqwesa kwi-*Physical Sciences***

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esivelise elona nani liphakamileyo labafundi abapase i-*Physical Sciences* ngo-2016.

**Udidi 3c: IsiNgesi uLwimi lweeNkobe**

**Ukuphucula umgangatho kwisiNgesi uLwimi lweeNkobe**

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esibonise okona kuphucuka kukhulu komgangatho wokupasa isiNgesi uLwimi lweeNkobe ukususela ngo-2015 ukuya ku-2016, ngokuthi sandise inani labafundi abapase isiNgesi uLwimi lweeNkobe.

**Ukugqwesa kwisiNgesi uLwimi lweeNkobe**

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esivelise elona nani liphakamileyo labafundi abapase isiNgesi uLwimi lweeNkobe ngo-2016.

**Udidi 3d: Isi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe**

**Ukuphucula umgangatho kwisi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe**

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esibonise okona kuphucuka kukhulu komgangatho wokupasa isi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe ukususela ngo-2015 ukuya ku-2016, ngokuthi sandise inani labafundi abapase isi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe.

**Ukugqwesa kwisi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe**

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esivelise elona nani liphakamileyo labafundi abapase isi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe ngo-2016.

**Udidi 3e: IsiXhosa uLwimi lweeNkobe**

**Ukuphucula umgangatho kwisiXhosa uLwimi lweeNkobe**

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esibonise okona kuphucuka kukhulu komgangatho wokupasa isiXhosa uLwimi lweeNkobe ukususela ngo-2015 ukuya ku-2016, ngokuthi sandise inani labafundi abapase isiXhosa uLwimi lweeNkobe.

**Ukuphucula umgangatho kwisiXhosa uLwimi lweeNkobe**

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esivelise elona nani liphakamileyo labafundi abapase isiXhosa uLwimi lweeNkobe ngo-2016.

**Udidi 3f: I-*Information Technology***

**Ukuphucula umgangatho kwi-*Information Techonology***

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esibonise okona kuphucuka kukhulu komgangatho wokupasa i-*Information Technology* ukususela ngo-2015 ukuya ku-2016, ngokuthi sandise inani labafundi abapase i- *Information Technology*.

**Ukugqwesa kwi-*Information Techonology***

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esivelise elona nani liphakamileyo labafundi abapase i- *Information Technology* ngo-2016.

**Udidi 3g: I-*Computer Applications Technology***

**Ukuphucula umgangatho kwi-*Computer Applications Technology***

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esibonise okona kuphucuka kukhulu komgangatho wokupasa i-*Computer Applications Technology* ukususela ngo-2015 ukuya ku-2016, ngokuthi sandise inani labafundi abapase i-*Computer Applications Technology*.

**Ukugqwesa kwi-*Computer Applications Technology***

Eli bhaso linikwa isikolo esinye kwiphondo esivelise elona nani liphakamileyo labafundi abapase i-*Computer Applications Technology* ngo-2016.